basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

FEBRUWARI/MATSHI 2014

AMANQAKU: 80

IXESHA: 2 iiyure

Olu viwo lunamaphepha ali-12.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMATHATHU:

ICANDELO A:	Uvavanyo lokuqonda	(30)
ICANDELO B:	Isishwankathelo	(10)
ICANDELO C:	Ulwimi	(40)

2. Funda YONKE imiyalelo ngononophelo.

3. Phendula YONKE imibuzo.

4. Krwela umgca ekupheleni kwecandelo NGALINYE.

5. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

6. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

7. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE.

8. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

9. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1

1.1 Funda esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA A

UMCULO

1 Zininzi iindidi zomculo esinazo apha eMzantsi Afrika. Kwezi ndidi singabalula umculo weKwaito, iHouse, iHip-hop, iRnB, iAfro-Jazz, iGospile, uMbhaqanga, uMaskhandi, iBlues umculo weekwayara neOpera. Baninzi kakhulu abantu abatsha abathe phithi iingqondo zezi ntlobo-ntlobo zahlukeneyo zomculo. Kumculo weKwaito singabalula iimvumi ezinjengooArthur Mafokate owaziwa njengeKing of Kwaito, Chomie, Mduduzi Masilela nabanye. Zininzi neemvumi ezicula umculo weHouse ezinjengooDJ Cleo, DJ Zintle, DJ Tira, Big Nuz nezinye. Uyathandwa kakhulu lulutsha lo mculo; ungafika lubhekeqeka luzijija lupitshoza luzibonakalisa ukuthamba kwalo. Itheko ayikabi lilo ngokupheleleyo xa ungekadlali lo mculo.

2 Zikho nezinye iimvumi ezithandwayo kakhulu kweli loMzantsi ezinjengoHHP owaziwayo kakhulu kweli cala lomculo weHip-hop neRnB. Ukanti ulutsha lukwathabatheke kakhulu ngulo mculo ingakumbi xa kudyusha iimvumi zaphesheya ezifana nooLil Wayne, Keri Hilson, Nicki Minaj, Kanye West, Drake, Sean Kingston nabanye.

3 Iinkonzo zidlala indima enkulu ekuphuhliseni umculo. Zisebenzisa wona ukutsalela abantu enkonzweni ingakumbi ulutsha. Ungafika ezinkonzweni ngoku kubethwa amaxilongo neepiyano, ulutsha luzinika. Kaloku iinkonzo zikwazile ukuhlangabezana nesikhalo salo esithi, 'iinkonzo ziyabhora', ngale ntetho yabo yesirhumsha, ngenxa yokuba zisoloko zibambe ucwangco, ngokuthi kuculwe kujongwe kuphela kuloo maculo asekelwe ukuculwa ngaloo mhla. Kulapho lutsho lubonakalise iitalente zalo zokucula ingakumbi kweli cala legospile. Iimvumi ezifana nooRebecca Malope, S'fiso Ncwane, Veliswa Skeyi, Khanyisa Nkantsu-Sabuka nabanye zaphuhliswa ezinkonzweni. Baqala ukucula ekwayareni. Iinkonzo zime ngeekwayara. Ulutsha luthontelana enkonzweni luye kubonakalisa italente yalo. Uva udlula udlwabevu lomculo ngathi lukhuphiswano.

4 Bek'indlebe kolu ncuthu mazangwa uya kuva ukuntyiloza kweentwazana zicula 'isolo' zixela umlonji ngentsasa yentwasahlobo. Lo mculo uthandwa kakhulu nangabantu abadala. Kuphuma nothathatha, ufike iholo ime ngeembambo kuziwe kukhuphiswano lweekwayara lubhexeshwa ngoosaziwayo balo mculo. Kuba yimikhwazo namayeyeye xa ababhexeshi bezi kwayara bengqawuza betshambaza phambi kwalo nginginya yababukeli.

5 UMbhaqanga noMaskhandi ibisakuba ngumculo othandwa kuphela ngabantu abadala. Ulutsha belungalukhathalelanga olu hlobo lomculo kuba lusithi ngumculo wakudala. Umntu odlala lo mculo bekusithiwa usesemva. Kule mihla uyathandwa nalulutsha, unexesha ongena ngalo nakunomathotholo. Unokhuphiswano olubanjwa minyaka le, olubizwa ngokuba *ziiAnnual SATMA Awards*, apho kukhuphisana zonke izikhululo zoonomathotholo zaseMzantsi Afrika. Abaphulaphuli ngabo abachonga umsasazi ogqwesileyo kolu khuphiswano, bakhethe nenkqubo etshatsheleyo ngobumnandi. Umsasazi nenkqubo eneevoti ezininzi zabaphulaphuli nguye ogqwesileyo. Minyaka le ibanjwa ngeyeDwarha (Okhtobha). Ezona mvumi ziphum'izandla kulo mculo liHash'elimhlophe, Phuz'ekhemisi, ongasekhoyo uMfaz'omnyama, Thembi, Bongani Nkwanyana nabanye.

6 Ibikade ingamadoda ubukhulu becala kolu shishino lomculo. Ngoku amakhosikazi athathe indawo ngobuninzi kwaye abalasele kwinto ayenzayo. Iimvumi zomculo we*Afro Jazz* ne*Soul* singabalula ezi; Lira, Siphokazi, Asanda Bam noZahara. UZahara ugqwese kunyaka ka2011 njengemvumi esakhasayo, wazibalula ngecwecwe lakhe elithi 'Loliwe'. Uzenzele igama ngokuthi athengise ngaphaya kwezigidi zamawaka kwiiveki nje ezimbini liphumile icwecwe lakhe. Umculo kaZahara uthandwa nalolubomvu usana. Nokuba uhamba phi, uva abantu beziculela ezi ngoma zale nzwakazi, nditsho iintsana nabalupheleyo. Kumnandi ukubona izinga lomculo weli lisiya linyuka ngolu hlobo.

7 Umculo uyinxalenye yobomi esibuphilayo. Xa uziva udandathekile emphefumlweni, umculo uyapholisa. Xa abantu bezonwabele bezityela izinto zabo nalapho uyangena. Umculo ufumaneka kuyo yonke indawo; emakhayeni ethu, ezindaweni zentselo apho abantu bazonwabisa khona, eziklabhini apho ulutsha lugcwala khona kanye nasezi nkonzweni. Uyohluka ke umculo odlalwayo kwezi ndawo ndizikhankanyileyo.

8 Urhulumente xa enokuthathela ingqalelo izakhono zolutsha lungaphucuka uqoqosho lweli lizwe, kungavuseleleka ukuzithemba nokuziphuhlisa kulutsha, kunganciphisa urhwaphilizo, intswela-ngqesho kuphelise noolova abagqibela besenza izenzo zobugebenga.

[Ithatyathwe kuvimba wabevi]

Jonga kumhlathi 1

1.1.1 Xela iindidi zomculo zibe mbini ezifumaneka eMzantsi Afrika. (2)

1.1.2 Ngabaphi abona bantu bathe phithi ngumculo weHouse? (1)

1.1.3 Sithetha ukuthini esi sivakalisi:

Ungafika lubhekeqeka luzijija lupitshoza luzibonakalisa ukuthamba kwalo. (1)

Jonga kumhlathi 2

1.1.4 Chonga ibe nye imvumi yaphesheya kwezikhankanywe kulo mhlathi. (1)

Jonga kumhlathi 3

1.1.5 Iinkonzo zenza ntoni ukutsalela ulutsha enkonzweni? (1)

1.1.6 Fakela igama lesiXhosa elichanekileyo endaweni yeli likrwelelwe umgca ngaphantsi kweli binzana. '... iinkonzo ziyabhora'. (1)

1.1.7 Khetha imvumi ekungathethwanga ngayo kulo mhlathi kwezi zilandelayo:

A Rebecca Malope
B Veliswa Skeyi
C Zahara (1)

1.1.8 Ukucula ekwayareni kuluncedo njani kwabanye abantu? (1)

Jonga kumhlathi 4

1.1.9 Matanisa ingcaciso ekuKholam A namagama akuKholam B.

KHOLAM A	KHOLAM B
(a) Ukucula komntu omnye.	A Ukudlisela
(b) Ababhexeshi bengqawuza betshambaza.	B Isolo
	C Mamela

(2 x 1) (2)

Jonga kumhlathi 5

1.1.10 Chonga ibinzana elibonisa ukuba ulutsha lwanamhlanje unomdla kumculo wakudala. (2)

1.1.11 Kutheni ingabaphulaphuli abathatha inxaxheba ekuchongeni umsasazi nenkqubo egqwesileyo kukhuphiswano lweSATMA? (2)

Jonga kumhlathi 6

1.1.12 Loluphi utshintsho olwenzekileyo ngokwesini emculweni? (2)

1.1.13 UZahara uthengise izigidi zamacwecwe kunyaka ka-2011 ngexesha elifutshane. Icacisa ntoni loo nto ngomculo wakhe? (2)

Jonga kumhlathi 7

1.1.14 Loluphi uluvo oluziswa ngumbhali ngomculo kumhlathi 7? (2)

Jonga kumhlathi 8

1.1.15 Ingaba yinyani ukuba lungaphucuka uqoqosho lweli lizwe ngomculo? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)

1.1.16 Khetha impendulo echanekileyo kwezi ezikwizibiyeli.

Esi sivakalisi silandelayo siphuhlisa: (ulwimi oluchukumisayo/ ingcinga enye esoloko isetyenziswa xa kuthethwa ngento ethile).

'... kunganciphisa, urhwaphilizo, intswela-ngqesho kuphelise noolova abagqibela besenza izenzo zobugebenga.' (2)

1.2 Funda esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA B



[Ithatyathwe kwi-Intanethi yaza yahlelwa]

1.2.1 Ngubani umzobi wale khathuni? (1)

1.2.2 Xela isixhobo setekhnoloji esiphethwe ngulo mntu uhleli esitulweni. (1)

1.2.3 Chaza inkangeleko yobuso yabantu abangemva apha kulo mfanekiso. (1)

1.2.4 Lo mntu ukunombolo B ubonisa ukungabi namdla kule nto yenziwa ngulo umi esitulweni. Ngqina oku. (2)

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

UMBUZO 2

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze usishwankathele ngokwemo yokudwelisa iingongoma. Landela le miyalelo xa ushwankathela:

- Chonga iingongoma eziphambili ezisi-7 uze uzicwangcise ngendlela ehambelanayo nethungelanayo.
- Sebenzisa izivakalisi ezipheleleyo, ubhale ngawakho amazwi, ungawulahli umxholo.
- Qaphela indlela echanekileyo yokusetyenziswa kolwimi, iimpawu zobhalo nococeko.
- Ubude bomthamo wesishwankathelo mabungadluli kumagama angama-60.
- Kunyanzelekile ukuba ulibhale ngokuchanekileyo inani lamagama owasebenzisileyo ngezantsi kwesishwankathelo.

UKUBALULEKA KOMCULO E-AFRIKA

E-Afrika, mhlawumbi nakwezinye iindawo zehlabathi umculo awuthathwa nje njengobugcisa bokuvakalisa izimvo, ukwalijelo lokuvakalisa iimvakalelo namava. Kwezinye iindawo ubugcisa bukwalijelo lokukhupha iingcinga neemvakalelo zakho. Kumcimbi wenkolo, amadini nonqulo ngokubanzi, umculo usetyenziselwa ukubonga iinkosi, izityebi nabantu ababalulekileyo ekuhlaleni. Ukwalunxibelelwano phakathi komntu nomnye, into ke leyo ethandwa nguwo wonke umntu.

Zininzi iijenra zomculo ezikhatshwa ziziginkci e-Afrika. Kukho kuzo iingoma zonqulo, ezokuthuka, ezaxa kubhujiwe, ezizizaci, iingoma zokugxeka, ezivakalisa izimvo kwakunye neengoma nje. Ukuxatyiswa kweengoma ezininzi kuxhomekeke ekutyebeni njengomthombo wolwazi olungobu-Afrika ehlabathini. Amaxesha amaninzi ukuva intsingiselo ezeleyo yengoma kwenzeka kuphela xa umculo ujongwa ngokwemo yezentlalo nenkcubeko.

Kwilizwe laseGhana, umculo uhlelwa ngokweendidi okanye iimo ezintathu. Udidi lokuqala ngumculo oculwa emaholweni omjuxuzo. Olu didi ke lona lolokonwabisa nje abantu, kwaye waziwa ngokuba ngumculo wobugcisa. Lo mculo uculwa ngeenowuthsi, kwaye kufuneka uculwe ngokulandela iinowuthsi ezo ngqo.

Udidi lwesibini lolo lwaziwa ngokuba ngumculo othandwa kakhulu sisininzi sabantu. Lo ngumculo odibene nomdaniso. Wona wahlulwe waziindidi ezimbini. Kuwo kukho iingoma zakwaNtu, kubekho nezo zingamaqhalo. Kwezi ndidi kufumaneka umculo owaziwa njengokuba yiGabada, iGahu neGombe, eculwa ngamaqela omculo wesiNtu. Kukho nalowo waziwa njengomculo weli xesha njenge*High Life*, i*Reggae*, i*Funk*, i*Hip Life* neminye.

Udidi lwesithathu lomculo lunxulumene namasiko nezithethe zaseGhana. Lo mculo ke ngoko uculwa ikakhulu ngemihla yemisitho enxulumene nezinto zasebukhosini, xa kusenziwa amalima kuncediswana ngomsebenzi, kwimibhiyozo enxulumene neziganeko zamaxesha athile ebomini bomntu. Uthandwa ngakumbi xa kusenziwa imisebenzi njengaxa umntwana eqala inqanaba lokufikisa, okanye kutshatiswa naxa kungcwatywa umntu.

[Icatshulwe kwi-intanethi, yahlelwa]

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: ULWIMI

UMBUZO 3

Funda esi sibhengezo-ntengiso uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

[Ithatyathwe kwi-Intanethi yaze yahlelwa]

3.1 Sithengisa ntoni esi sibhengezo-ntengiso? (1)

3.2 Chonga ibinzana elibonakalisa ukuba umthengisi umthelekisa nezinye iimvumi uZahara. (1)

3.3 Xela izinto zibe mbini ekuthiwa unceda ngayo umculo kaZahara. (2)

3.4 Bhala isivakalisi esisetyenziselwe ukungxamisa abathengi bazokuthenga eli cwecwe? (1)

3.5 Eli gama, 'iingcingo' kwesi sibhengezo lisetyenziselwe ukuba lithethe:

A Umnxeba wokuthetha.
B Ikatala.
C Usinga lokubiya imizi. (1)

3.6 Uluncedo lo mfanekiso kwesi sibhengezo-ntengiso? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.7 Eli gama, 'umvandedwa' ungalibeka endaweni yeliphi kula akwesi sibhengezo-ntengiso? (1)

3.8 Ibinzana, *'Oooooo la la!!!'* likufaka wuphi umoya? (1)

[10]

UMBUZO 4

Jonga le khathuni uze uphendule imibuzo elandelayo.



[Ithatyathwe kwi-Intanethi yaza yahlelwa]

4.1 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:

Igama elinomgca ngaphantsi lisebenze ...

A njengesibizo.
B njengesihlanganisi.
C njengesenzi. (1)

4.2 Xela ukuba olu phawu, (!) lusetyenziselwe ntoni kule ntetho? (1)

4.3 Xela isixhobo somculo esiphethwe ngumntu A kule khathuni. (1)

4.4 Ngowuphi ongumphathi phakathi komntu A nomntu B ngokwalapha kwikhathuni. (1)

4.5 Intetho ethi, '... umculo uhambisa umsebenzi emadodeni kuba ayonqena,' ngumzekelo wentetho (ethambekele calanye/enolwimi oluncomayo). (2)

4.6 Uyangqinelana nale ntetho yomntu A ethi '... umculo uhambisa umsebenzi ...'? Xhasa impendulo oyinikileyo. (2)

4.7 Chonga isenzi esikuhlobo lokuyalela kule ntetho yomntu A, uxele nexesha. (2)
[10]

UMBUZO 5

5.1 Funda esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

UMCULO WOMNGQUNGQO

UJonathan Butler yinvumi **edumileyo** kwanomdlali wekatala ozalelwe eMzantsi Afrika. Wenza **kwamnandi** ngengqokelela yeengoma zakhe ezilishumi elinesibini ze*Feel-good-jazz-meets-gospel*. UButler uhlala enyanisekile kumculo wakhe ngeengoma ezifana no*So Strong* kunye nethi, *'Be here with you'*, ekukho kuyo uAngie Stone. Ethi *'Colour Green'* ingodlamko olutsha kubuhle bothando lukaThixo, lugqwesile.

UFundile Mdingi emva kokuvelisa umculo wabantu abanjengoSbongile noHugh Masekela, uye wasuka emva komkhusane waba semehlweni. Le mvumi inama-30 eminyaka ubudala inelizwi elimnandi ezindlebeni kwanobuchule bepiyano obukholisayo. Ingoma ethi, 'Mbizana' engumnikelo kongasekhoyo uBheki Mseleku yi-*Afro-fusion* ebonisa ngobuchule bukaFundile bokucula. Ingoma ethi, 'Ndimfumene' ingaphumelela ekuthandweni ingene kuluhlu lweengoma zomtshato.

[Ithatyathwe kwi-Intanethi yaza yahlelwa]

5.1.1 Lungisa igama elikrwelelwe umgca ngaphantsi ulibhale ngendlela echanekileyo. (1)

5.1.2 Guqula esi sivakalisi sibe kwimo yesininzi:

Ndimfumene (1)

5.1.3 Chaza ukuba amagama abhalwe ngqindilili asetyenziswe njani? (2)

5.1.4 Sebenzisa isenzi esikwizibiyeli sibonise ukuba umntu othile wenzisa omnye into.

UJonathan Butler kwingoma yakhe ethi, *Be here with you*, (ucula) *uAngie Stone*. (1)

5.1.5 Bhala isichasi segama elibhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi silandelayo.

Ingoma ethi, *Colour Green*, **ingodlamko** olutsha kubuhle bothando lukaThixo. (1)

5.1.6 Gqibezela esi sivakalisi ngokufakela igama elishiyiweyo.

UFundile Mdingi ebengaziwa ukuba uyakwazi ukucula, kanti ngum ... owaziwayo. (1)

5.1.7 Lithetha ukuthini eli binzana, '... wasuka emva komkhusane,' ngokwalapha kwesi sicatshulwa. (2)

5.1.8 Bhala esi sivakalisi sibe kwingxelo-ntetho.

Qala ngolu hlobo: UFundile uthe ...

'Balandeli bam, ndiyesuka emva komkhusane ndiya emehlweni abantu, ' utshilo uFundile. (3)

5.1.9 Kwigama, 'a**nga**phumelela', isakhi u-nga senze msebenzi mni? (1)

5.1.10 Guqula esi sivakalisi silandelayo sibe kwimo elandulayo.

I-*Afro-fusion* ibonisa ubuchule bukaFundile. (1)

5.2 Jonga lo mfanekiso uze uphendule imibuzo elandelayo.

[Ithathwe kwi-Intanethi yaza yahlelwa]

5.2.1 Bhala isimelabizo sokukhomba endaweni yegama elibhalwe ngqindilili.

Iimvumi zegosipile zidumisa uSomandla. (1)

5.2.2 Igama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi silandelayo libolekwe koluphi ulwimi?

Bona bacula umculo wegosipile. (1)

5.2.3 Guqula esi sivakalisi sibe ngumyalelo.

Iimvumi zicula kakhulu. (1)

5.2.4 Landelelanisa amagama ngokuchanekileyo kwesi sivakalisi silandelayo ukuze kuvakale intsingiselo yaso.

abantu zonwabisa iimvumi. (1)

5.2.5 Xela isafobe esisetyenziswe kule ntetho. Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:

Iimvumi ezikulo mfanekiso zibhabha emoyeni.

A Uchasaniso
B Isikweko
C Isibaxo (1)

5.2.6 Senze msebenzi mni isibizo esikrwelelwe umgca ngaphantsi?

Iimvumi ziyabaculela <u>abalandeli</u> bazo. (1)
[20]

AMANQAKU ECANDELO C: 40
AMANQAKU EWONKE: 80